



**CITY OF CAPE TOWN**  
**ISIXEKO SASEKAPA**  
**STAD KAAPSTAD**

## **EZEMALI: ISEBE LEZENGENISO**

**CIVIC CENTRE IZIKO LOLUNTU BURGERSENTRUM**

HERTZOG-BOULEVARD 12 KAAPSTAD 8001 POSBUS 298 KAAPSTAD 8000  
 www.capetown.gov.za - NAVRAE: TEL 0860 103 089

# **UKUHLAZIYWA KWESICELO ESINGEBHASKITHI YEZOBONELELO ZONCEDO ZESIXEKO SASEKAPA – ISAPHULELO KWIINTLAWULO ZOBUHLALI NESIBONELELO SENKXASO KWABO BANGATHATHINTWENI**

|                                      |  |
|--------------------------------------|--|
| Umhla                                |  |
| Inombolo yeakhawunti yekhontrakthi   |  |
| Inombolo yehlakani lezoshishino      |  |
| Igama lomnikazi okanye umfak'isicelo |  |
| Inombolo yoqhagamshelwano            |  |
| Igama lomnikazi okanye umfak'isicelo |  |
| Inombolo yoqhagamshelwano            |  |
| Igama lomnikazi okanye umfak'isicelo |  |
| Inombolo yoqhagamshelwano            |  |
| Igama lomnikazi okanye umfak'isicelo |  |
| Inombolo yoqhagamshelwano            |  |
| Idilesi yepropati / yendawo          |  |
| Idilesi engeimeyile                  |  |

Mhlekazi okanye Nkosikazi obekekileyo

**NCEDA UBONAKALISE APHA UKUBA WENZA ISICELO SESAPHULELO SENTLAWULO OKANYE ISIBONELELO SENKXASO KWABO BANGATHATHINTWENI:** Abafak'isicelo abanomvuzo warhoqo ngenyanga ongamaR7 500 okanye ngaphantsi kunoku ngenyanga, bangafaneleka ukufumana isibonelelo senkxaso. Kodwa ukuba ufumana umvuzo warhoqo ngenyanga ongamaR27 000 okanye ngeneno kunoku kwaye uxhomekeke kwisibonelelo sentlalo okanye uneminyaka engama60 ubudala kwakhona uxhomekeke kumhlalaphantsi/inkamkam, ungafaneleka ukuba ufumane izibonelelo zezaphulelo kwiintlawulo zobuhlali.

| <b>UHLOBO LWESIBONELELO</b>        | <b>BONAKALISA UHLOBO LWESIBONELELO ESO WENZA ISICELO SASO</b> |
|------------------------------------|---------------------------------------------------------------|
| Isibonelelo sabo bangathathintweni | <input type="checkbox"/>                                      |
| Isaphulelo kwiintlawulo zobuhlali  | <input type="checkbox"/>                                      |

**Isibonelelo sabangathathintweni esijoliswe kubafak'isicelo abaneminyaka engama60 ubudala nangaphezulu**

NgokoMgaqonkqubo weSixeko ongoLawulo lweZikweliti nokuQokelelwa kwamaTyala, isicelo sakho seSibonelelo senkxaso kwabo bangathathintweni, siyakuthi siqhube ngokusemthethweni kude ibengowama30 kweyeSilimela (Juni) 2026, apho ke kusekupheleni komjikelo wakalokunje woQingqomaxabiso ngokuphangaleleyo (GV). Ke ngoko kufuneka uphinde wenze isicelo kolu xhamlo, njengokuba kuyakuthi kumiselwe iGV2025 entsha apho iqalisa ngowo1 kweyeKhala (Julayi) 2026.

Gcwalisa kwaye ungenise icandelo elingezantsi apha elingesiqinisekiso apho likhatshwa bubungqina bomvuzo babo bagcwalise ifomu yesicelo sakalokunje (umzekelo – abangabo abangumnini nabalingane/amaqabane/indlamafa/ummeli ngokomthetho/umlawuli welifa/itrasit), kufuneka benze isicelo ngokutsha esingenkxaso yesibonelelo kwabo bangathathintweni.

### **Izicelo zezaphulelo kwiintlawulo zobuhlali kumjikezlo woqingqomaxabiso ngokuphangaleleyo omtsha (GV2025) ezizezabanini abaxhomekeke kwizimali zomhlalaphantsi okanye kwizibonelelo zentlalo kubomi babo bokuphila**

NgokoMgaqonkqubo weSixeko ongeSaphulelo kwiintlawulo zobuhlali, isaphulelo sakho kwabo bangathathintweni, siyakuthi siqhube ngokusemthethweni kude ibengowama30 kweyeSilimela (Juni) 2026. Ke ngoko kufuneka uphinde wenze isicelo kolu xhamlo, njengokuba kuyakuthi kumiselwe iGV2025 entsha apho iqalisa ngowo1 kweyeKhala (Julayi) 2026.

Gcwalisa kwaye ungenise icandelo lesiqinisekiso elingezantsi apha elikhatshwa bubungqina bomvuzo wakho ukuba wenze isicelo ngokutsha senkaso engesaphulelo kwiintlawulo zobuhlali apho sijoliswe "kubanini abaxhomekeke kumhlalaphantsi okanye isibonelelo sentlalo kubomi babo bokuphila", isibonelelo senkxaso engesaphulelo esi siyakuthi siqhubekeke ukususela ngowo1 kweyeKhala (Julayi) 2026.

Ukwenze isicelo ngokutsha (1) esijoliswe kwizibonelelo zenkxaso kwabo bangathantintweni okanye (2) ezijoliswe kwinkxaso engezaphulelo kwiintlawulo zobuhlali, umvuzo kufuneka udandalaziswe ngale ndlela ilandelayo:

## **1. Inkxaso kwabo bangathathintweni**

### **Ukuba uqeshiwe:**

- Ubungqina besazisi (enjengencwadi yesazisi iID yakho)
- Isiliphu sakalokunje esingomvuzo okanye ileta evela kumqeshi wakho ecacisa ngomvuzo wakho
- Ukuba uziqeshile, kufuneka isibophelelo sokunyaseka esicacisa ukuba ufumana umvuzo ongakanani na ngenyanga
- Ingxelo yobume bebhondi yakho yeenyanga ezintathu zokugqibela okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunayo iakhawunti yebhondii
- Ingxelo yasebhankini enge-akhawunti yakho yesithuba sakalokunje seenyanga ezintathu okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini

### **Ukuba awuqeshwanga:**

- Ubungqina besazisi (enjengencwadi yesazisi iID yakho)
- Isibophelelo sokunyaseka esiqinisekisa ukuba awuqeshwanga
- Isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunawo umthombo ongomnye womvuzo
- Ingxelo yasebhankini engeakhawunti yakho yesithuba seenyanga ezintathu zakalokunje okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini
- Ingxelo yobume bebhondi yakho yeenyanga ezintathu zokugqibela okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunayo iakhawunti yebhondi

Ukuba ufumana isibonelelo sentlalo okanye somhlalaphantsi:

- Ubungqina besazisi (enjengencwadi yesazisi iID yakho)
- Ukuba uziqeshile, kufuneka isibophelelo sokunyaniseka esicacisa ukuba ufumana umvuzo ongakanani na ngenyanga
- Ubungqina xa ngaba ufumana isibonelelo sokukhubazeka, isibonelelo sezentlalontle okanye sezomhlalaphantsi
- Ingxelo yasebhankini engeakhawunti yakho yesithuba sakalokunje seenyanga ezintathu okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba akunayo iakhawunti yasebhankini
- Ingxelo yobume bebhondi yakho yeenyanga ezintathu zokugqibela okanye isibophelelo sokunyaniseka, esiqinisekisa ukuba awunayo iakhawunti yebhondii

linkcukacha zomfak’isicelo/zomnini wepropati apho esi sicelo senzela yena, kunye nezeqabane lakhe lobomi okanye umlingane wakhe:

| OONOBUMBA<br>BOKUQALA<br>BAMAGAMA<br>OMNTU NEFANI | ULWALAMANO<br>KUMINKAZI<br>WEAKHAWUNTI | INOMBO YE ID | UMVUZO UWONKE<br>WARHOQO<br>NGENYANGA | IMVELAPHI<br>YOMVUZO | INGABA UQESHIWE |      | UBUNGQINA BOMVUZO<br>/ BENGENISO |      |
|---------------------------------------------------|----------------------------------------|--------------|---------------------------------------|----------------------|-----------------|------|----------------------------------|------|
|                                                   |                                        |              |                                       |                      | EWE             | HAYI | EWE                              | HAYI |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |
|                                                   |                                        |              |                                       |                      |                 |      |                                  |      |

2. Isaphulelo kwiintlawulo zobuhlali

- Ubungqina bokufumana umhlalaphantsi wabucala
- Ubungqina botyalomali/izabelo
- Isiliphu/ileta yakwaSASSA
- Ubungqina bomvuzo womnini neqabane/umlingane namaxwebhu akalokunje engxelo yasebhankini yeenyanga ezintathu ngokujoliswe kuzo zonke iikhawunti zasebhankini eziphuma kuwo onke amaziko ezezimali

Qhubekeka nokuqinisekisa ubhengezo ngezantsi apha

Isiqinisekiso

Mna/thina njengomntu/njengabantu abanoxanduva kule propati:

Ndiqinisekisa oku kulandelayo:

**INGCACISO NGEZIMALI**

| <b>UMVUZO WARHOQO NGENYANGA</b>                                             | <b>UMNINI</b> | <b>UMLINGANE/ IQABANE</b> |
|-----------------------------------------------------------------------------|---------------|---------------------------|
| Indodla/ipenshini yarhoqo ngenyanga: Umhlalaphantsi karhulumente wezentlalo |               |                           |
| Umhlalaphantsi wabucala (qhoboshela ubungqina)                              |               |                           |
| Isibonelelo/umhlalaphantsi ongokukhubazeka                                  |               |                           |
| Inzala kutyalozimali (qhoboshela ingxelo yebhanki)                          |               |                           |
| <b>UMVUZO UWONKE</b>                                                        |               |                           |

| <b>IUTYALO MALI</b>          | <b>UMNINI</b> | <b>UMLINGANE/IQABANE</b> |
|------------------------------|---------------|--------------------------|
| Igama nohlobo lezotyalomali: |               |                          |
| Engenye indlela              |               |                          |

|                                    |  |
|------------------------------------|--|
| <b>Igama lomfak'isicelo nefani</b> |  |
| <b>Umhla</b>                       |  |
| <b>Utyikityo</b>                   |  |

**Isiqinisekiso**

Ngokufaka esi sicelo, ke ngoko ndinika imvume kwiSixeko saseKapa (iSixeko) ukuba siphengulule ngakumbi iincazelo zam zobuqu (kuquka inkcazelo eyodwa yobume bam) ukuba siqhube uphononongo ngokupheleleyo lamatyala ukuze sifezekise esi sicelo. Ndiyavuma ukuba iSixeko singenza isicelo sawo nawaphina amaxwebhu apho kubonakala efanelekile apho athi axhase esi sicelo.

Ndiyaqinisekisa kwakhona ukuba kuye kwabonakala ukuba nayiphina ingcaciso yenziwe ngabomi/ ngokungekhomthethweni/ingeniswe ngendlela egwenxa/inikezelwe ndim, iSixeko sinelungelo lokurhoxisa nasiphina isaphulelo kwaye sibuyisele nasiphina eso saphulelo/uncedo. ISixeko sayikuthi sinyuse inzala kwezo akhawunti apho ezo zaphulelo/izibonelelo ziye zafumaneka ngobuqhetseba, kwaye sinelungelo lokuthabatha amanyathelo athe xhaxhe ngokujoliswe kuye nawuphina umntu othe wanikezela ngengcaciso ebubuxoki.

Ndiqinisekisa ukuba kuye kwanikezelwa yonke ingcaciso efunekayo kwaye kuye kwaqhotyoshelwa onke amaxwebhu afanelekileyo.

Nceda uqaphele: Ukuba usebenza egameni lomnini ngayo nayiphina indlela, ngokuthi utyikitye, uqinisekisa ukuba unegunya ngokubhaliweyo/ngokurekhodishiweyo okanye igunya lokusebenza egameni labo.

Oku kufuneka kutyikitywe:

- ngumnini okanye abaninini kunye nabalingane/amaqabane abo, okanye
- Umfak'isicelo okanye abafak'isicelo bokuqala

| IGAMA NEFANI | UTYIKITYO LOMFAK'ISICELO OKANYE LABAFAK'ISICELO | UMHLA |
|--------------|-------------------------------------------------|-------|
|              |                                                 |       |
|              |                                                 |       |

Emva kokuba ugqibile ukugcwalisa isiqinisekiso sakho, sinikezele ngokwakho kwiziko elikufutshane nawe lokufumana uncedo okanye usi-imeyilele kwa [Indigent.Relief@capetown.gov.za](mailto:Indigent.Relief@capetown.gov.za). Ukungenisa isicelo sobonelelo kwabo bangathathintweni okanye isaphulelo kwiintlawulo zobuhlali, [rates.rebates@capetown.gov.za](mailto:rates.rebates@capetown.gov.za) okanye ubhalise usebenzisa [iinkonzo ezingobuchwepheshe](#) beteknoloji okanye usingenise ngokusiposela kwa:

Revenue Department Civic Centre  
PO Box 655  
Cape Town 8000

Qhagamshelana neziko lokufowunela kwa 0860 103 089 ukuba unayo nayiphina imibuzo engeminye. Ozithobileyo



## UXWEBHU/IFOMU ENGESIQUINISEKISO SOKUNYANISEKA

Mna/Thina siqinisekisa ukuba ingcaciso enikezelwe kolu xwebhu, luyinyaniso kananjalo luchanekile.

Mna/ Thina kwakhona siqinisekisa ukuba ukuba nayiphina ingcaciso ethe yanikezelwa ndim okanye sithi, kwaye ngabomi, nangokungekhomthethweni kunye okanye irekhodisheke ngempazamo kolu xwebhu, iSixeko sinelungelo lokuba sirhoxise kwaye sifune imbuyekezo ngaso nasiphina isaphulelo, uxhamlo, ukucuthelwa kwetyala, ukucinyelwa kwetyala, njalonzalo, sikufune oko ngokupheleleyo.

|                                     |     |      |           |                      |
|-------------------------------------|-----|------|-----------|----------------------|
| Uziqeshile:                         | Ewe | Hayi | Umvuzo    | <input type="text"/> |
| Iakhawunti yasebhankini:            | Ewe | Hayi |           |                      |
| Ibhondi:                            | Ewe | Hayi |           |                      |
| Umvuzo wezomhlalaphantsi / kaSASSA: | Ewe | Hayi | Isixamali | <input type="text"/> |
| Awuqeshwanga:                       | Ewe | Hayi |           |                      |

**Isiqinisekiso sokunyaniseka sommeli ngokokuzalana (apho kuxhaswa uJ192/J170).** Ke ngoko ndiqinisekisa ukuba mna/ thina asinayo imithombo yezimali ukuba sijongane nokutshintshelwa ngokomthetho wepropati enkulu engenakufuduswa. Okulilifa njengepropati enkulu, akukaqakunjelwa yiOffisi esemthethweni engezaMafa.

Amagama abo Bafake izicelo. Izizalwane:

Engenye indlela:

**Inkcukacha notyikityo lomfak'isicelo:**

|                                             |                      |                   |                      |
|---------------------------------------------|----------------------|-------------------|----------------------|
| Igama                                       | <input type="text"/> |                   |                      |
| Ifani                                       | <input type="text"/> | Inombo yeID       | <input type="text"/> |
| Idilesi                                     | <input type="text"/> | Ikhawudi yePosi   | <input type="text"/> |
| Inombolo yoqhagamshelwano yomnxeba neDilesi | <input type="text"/> | Inombolo yesazisi | <input type="text"/> |
|                                             |                      | Utyikityo         | <input type="text"/> |

**IGosa elinoxanduva:**

|                                   |                      |                      |
|-----------------------------------|----------------------|----------------------|
| <input type="text"/>              | <input type="text"/> | <input type="text"/> |
| IGAMA NEFANI NGOONOBUMBA ABAKHULU | UTYIKITYO            | UMHLA                |